ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Maria Goretti Correia**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Maria.Correia@westerncape.gov.za | 021 467 2819

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 19/2/P
Isalathiso: 20240328-2814

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**ISihloko: Ukukhutshwa kwemilinganiselo yamanqaku ezifundo ehlaziyiweyo emalunga neProgram yoVavanyo *(Programme of Assessment (POA)) kwisigaba se-Further Education and Training (FET) Band, (kumaBakala 10-12)***

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane 007/2023 yomhla we-31 Matshi 2023, eyanika inkcazelo ngemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo emalunga ne-*POA*:

2. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE)* lapapasha iSetyhula S8, yomhla we-23 Matshi 2023, kunye nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo emalunga ne-*POA*. Kulo nyaka iSebe i-*DBE* lipapashe iSetyhula S4 yomhla we-14 Matshi 2024, nenenjongo yokwazisa izikolo malunga nezilungiso ezifakelweyo ezongezelelweyo kwimilinganiselo yamanqaku e-*School Based Assessment* (*SBA*) kwi-*POA* kwizifundo ezisibhozo**.**

3. Izilungiso ezifakelweyo kwimilinganiselo yamanqaku e-*SBA* kwi-*POA* zenzeka kwezi zifundo zisibhozo zilandelayo nakumabakala athe ngqo kwi-*Further Education and Training (FET) Band.*

- I-*Business Studies (IBakala 12)*
- I-*Electrical Technology: Digital Systems (AmaBakala 10–12)*
- I-*Electrical Technology: Electronics (AmaBakala 10–12)*
- I-*Electrical Technology: Power Systems (AmaBakala 10–12)*
- I-*History (AmaBakala 10–12)*
- I-*Mathematical Literacy (IBakala 12)*
- I-*Mathematics (AmaBakala 10–11)*
- I-*Marine Sciences* (*AmaBakala* 10–12)

4. I-*POA*, kunye nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo kumaBakala 10–12 (2024–2025) kuzo zonke izifundo namabakala, ziqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo A.**

5. I-*POA* iqulethe i-*SBA*, ikhomponenti yoviwo lokuphela konyaka, uMsebenzi we-*Practical Assessment Task* kwimeko yezifundo ezinekhomponenti yeprakhtikhali novavanyo lwe-Orali *(Oral assessment)* kwimeko yeeLwimi.

6. Iirekhodishithi zezifundo ze-*FET* zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zango-2024, ezifumanekayo kwi-*CEMIS* zingqinelaniswe ne-*POA* ehlaziyiweyo kwiSetyhula S4 yeSebe i-*DBE*.

7. Kwimeko ye-*Mathematics* (kumaBakala 10–11), izikolo kuya kufuneka zikhuphele *(download*) i-*Version 2* yeerekhodishithi zezifundo ukwenzela ukuba zingqinelaniswe neSetyhula S4 yeSebe i-*DBE*.

8. Ayacelwa amagosa ezithili neenqununu bazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abazali/abagcini nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-04-10